Isalathiso: 20190826-8437
Inombolo yefayili: 13/2/2/2/25
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0011/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ukuthatha inxaxheba ekusayineni imvumelwano yokuzibophelela nesithembiso sokuthobela imigaqo enxulumene nokubhalwa kweemviwo zeSatifikethi seMatriki siZwelonke ngo-2019

1. Iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (i*NSC*) zilawulwa yaye ziqhutywa ngokwemimiselo eyi-***Regulations pertaining to the conduct, administration and management of the National Senior Certificate examination*** (efakelwe izilungiso), eyapapashwa kwi*Gazethi kaRhulumente* No. 31337 nge-29 Agasti 2008, esebenza kumabhunga ovavanyo karhulumente nazimeleyo avavanya nangabevi beNkcazelo yeKharityhulam kaZwelonke, kumaBakala R–12.

2. Nasiphi na isenzo sokutenxa okanye ukwaphulwa kwale Mimiselo ngumviwa ongenela iimviwo ze*NSC* singakhokelela ekubeni iziphumo zoviwo zaziswe njengezililize nento engekhoyo (*null and void*). Kunyanzelekile ke ngoko ukuba bonke abaviwa bayazi le migaqo neMimiselo.

3. ISebe leMfundo esiSiseko (i*DBE*) lacela ukuba abaviwa ababhalisele iimviwo ze-*NSC* mabasayine imvumelwano yokuzibophelela nesithembiso sokuthotyelwa komgaqo wokuziphatha woviwo.

4. Kucelwa bonke abafundi nabazali okanye abagadi babafundi ukuba basayine iMvumelwano yokuZibophelela (**isiHlomelo A**) phambi kokuba kuqale iimviwo.

5. IMvumelwano yokuZibophelela (*Commitment Agreement*) ichaza uluhlu olucacisiweyo lwemigaqo nemimiselo engundoqo enxulumene neemviwo ze*NSC*, kwakunye noluhlu lwezitenxo ezinokwenzeka ngethuba lobhalwa kweemviwo.

6. UMsitho woSayino-sithembiso sokuZibophelela kaZwelonke (*National Pledge-signing Ceremony*) ucwangciselwe uLwesihlanu, we-11 Oktobha 2019 ngo-10:00.

7. Izikolo zimele ukuzenzela ikopi yeSithembiso sokuZibophelela soViwo lwe*NSC* (**isiHlomelo B**) esinokusayinwa ngumviwa ngamnye weBakala 12.

8. Izikolo mazazise abaviwa ukuba umsitho wosayino-sithembiso sokuzibophelela wenziwa ngokuzithandela (*voluntary*) yaye abaviwa abasayi kunyanzeliswa ukuba mabasayine isithembiso sokuzibophelela.

9. Nge-11 Oktobha 2019, okanye ngomnye umhla ofanelekileyo, makubanjwe indibano (*assembly*) yabo bonke abafundi beBakala 12 njengenxalenye yokubanika ulwazi kwanokulungiselela ukubhalwa kweemviwo ze*NSC*.

10. Kwintetho yenqununu, imigaqo yeemviwo ebhalwe ngasemva kwincwadi yokwamkelwa umfundi kuviwo (*admission letter*) mayifundelwe abaviwa.

11. Abaviwa mabacelwe ukuba basifunde ngokuvakalayo isithembiso sokuzibophelela baze emva koko bavunyelwe ukuba basisayine.

12. Apho kunako, makwenziwe iifotokopi zezithembiso zokuzibophelela ezisayiniweyo eziya kugcinwa esikolweni njengenxalenye yeerekhodi zesikolo zomviwa ngamnye.

13. Isithembiso sokuzibophelela esiyintsusa (*original pledge*) masiphathwe ngumviwa ngamnye ngethuba leemviwo ze*NSC* ngo-2019.

14. Kucetyiswa ukuba ukusayinwa kwesithembiso sokuzibophelela makunatyiselwe nakubafundi beBakala 10 nabeBakala 11 ukuqinisekisa umgangatho ofanayo wokuqhutywa kweemviwo kwisigaba i-*Further Education and Training Phase* (iSigaba seMfundo eQhubelekayo noQeqesho).

15. ISithembiso sokuZibophelela soViwo lwe*NSC* esiqhotyoshelweyo apha sinokulungelelaniselwa abafundi bamaBakala 10 no-11.

16. Kucelwa iinqununu ziqinisekise ukuqhutywa ngokufanelekileyo koMsitho woSayino-sithembiso kwizikolo zazo.

17. Iya kuthakazelelwa kakhulu intsebenziswano yabaviwa beemviwo ze*NSC* ngo-2019 malunga nalo mba.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2019-09-25

ISIHLOMELO A

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

IMVUMELWANO EYIMBOPHELELEKO EMALUNGA NEEMVIWO ZESATIFIKETHI SEMATRIKI SIKAZWELONKE ZANGO-2019

ILETA EYA KUBAVIWA/KUBAZALI/KUBAGCINI BABAVIWA

IGAMA LOMVIWA **INOMBOLO YESAZISI**

IGAMA LESIKOLO **ISITHILI**

1. Uviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke lulawulwa yaye luqhutywe ngokwemimiselo i- ***Regulations pertaining to the conduct, administration and management of assessment for the National Senior Certificate examination,*** eyapapashwa *kwiGazethi kaRhulumente No*. 31337 ye-29 Agasti 2008, kuwo onke amaphondo kweli lizwe.

2. Nakuphi na ukutenxa okanye ukutyeshelwa kwale Mimiselo ngumviwa kuya kudlelela intembeko yoviwo yaye iziphumo zomviwa zinokuthathwa njengento elilize nengekhoyo. Kunyanzelekile ke ngoko ukuba bonke abaviwa babe nolwazi ngemigaqo nemimiselo yaye bayisayine ngoko ke le fom iqhotyoshelweyo yokukuvuma oku *(acknowledgement form)*. Abazali/abagcini babaviwa nabo kufuneka basayine ukuvuma ukuba banolwazi ngale migaqo nemimiselo.

3. Phambi koviwo, umviwa nomzali/nomgcini womviwa mabaqaphele oku kulandelayo:
   (a) Umviwa ngamnye makabhalisele iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zango-2019.
   (b) Ubhaliso luya kuqinisekiswa kwileta yokwamkelwa eluviweni komfundi *(admission letter)* ayinikiweyo nengqinisisa oku kulandelayo:
      (i) Igama elipheleleyo nefani
      (ii) Inombolo yoviwo
      (iii) ISikolo
      (iv) Izifundo nenani lamaphepha
      (v) Imihla namaxesha ekuya kubhalwa kulo iphepha ngalinye
   (c) Abazali nabagcini babaviwa mabatshekishe yaye baqinisekise oku kulandelayo:
      (i) Imihla namaxesha ekubhalwa ngawo iphepha ngalinye
      (ii) Ukufika kwiziko lokubhalela uviwo kwangexesha (ubuncinane yimizuzu eyi-30 phambi kwexesha lokuqalisa)
      (iii) Ukuba ileta yokwamkelwa eluviweni neSazisi (*Identity Document*) banazo kubo yaye banazo zonke izinto zokubhala eziyimfuneko kwelo phepha.
      (iv) Abaviwa balindeleke ukuba banxibe iyunifom yabo yesikolo xa bebhala uviwo.

4. Abaviwa mabaqaphele oku kulandelayo:
   (a) Abaviwa babophelelekile ngokumalunga nayo yonke imiba ebhekiselele kuviwo ngokuthi bayithobele imiyalelo yomgadi wabaviwa nomgadi wabaviwa oyintloko.
   (b) Abaviwa balindeleke ukuba bayiphendule imibuzo ekwiphepha lemibuzo, ngokwabo, ngaphandle koncedo loontanga okanye lootitshala babo. Kwiimeko apho ingutitshala okanye ingumgadi wabaviwa okanye umfundi onika uncedo, kuluxandiva lomviwa ukwazisa umgadi wabaviwa oyintloko oku ukuze

akuthathele ingqalelo. Ukungaphumeleli ukuluxela olu ncedo lufana nolu, kuya kuba nesiphumo sokuba lo mviwa athathwe njongabandakanyekayo kweso sehlo.

(c) Kuluxanduva ke ngoko lomviwa ukunika ingxelo ngayo nayiphi na ingcaciso okanye amarhe amalunga nezitenxo zeemviwo kumgadi wabaviwa/kumgadi wabaviwa oyintloko. Ukungaphumeleli ukwenza njalo kuya kuthathwa njengeyelenqe yaye umviwa uya kuphendula ngokuqhubekayo.

(d) Kwiimeko apho umviwa ethunyelelwe nge-imeyili, nge-*SMS*, ngo-*WhatsApp* okanye ngayo nayiphi na indlela yonxibelelwano ngekhompyutha, iphepha lemibuzo, okanye iinxenye zalo aze angaphumeleli ukusixela eso sehlo kumgadi wabaviwa/kumgadi wabaviwa oyintloko, uya kuthathwa njengomntu obandakanyekayo kweso sehlo.

(e) Akuba umviwa ekwigumbi lokubhalela uviwo, umviwa makaqinisekise oku kulandelayo:

(i) Akukho zinowuthsi okanye nayiphi na imathiriyeli engavumelekanga kwigumbi lokubhalela uviwo amakabenayo kuye umviwa. Ukufunyanwa unazo naziphi na iinowuthsi okanye imathiriyeli kwigumbi lokubhalela uviwo kuthathwa njengesenzo solwaphulo-mthetho.

(ii) Makungaziwa nazo iiselula okanye naziphi na ezinye iidivayisi kwigumbi lokubhalela uviwo. Nayiphi na idivayisi elolu hlobo abafunyanwa benayo kubo abaviwa, isisenzo solwaphulo-mthetho.

(f) Kuluxanduva lomviwa ukutshekisha ukuba balifumene na iphepha kunye/okanye isifundo asibhaliseleyo kuviwo.

(g) Akukho ncwadi yeempendulo (okanye inxenye yencwadi yeempendulo/yephepha leempendulo), mayikhutshwe kwigumbi lokubhalela uviwo nokuba ngaba isetyenzisiwe na okanye ayisetyenziswanga. Ukuba kuyenzeka oku, kuya kuthathwa njengesitenxo yaye umviwa **AKAYI** kufumana khredithi kolo viwo.

(h) Ukuba umviwa ubhala isifundo okanye ulwimi lwenqanaba elingachanekanga (kwimeko yephepha lolwimi), oku kuya kuthathwa njengesitenxo semeko ethile eqhubeke kwinkqubo yoviwo (*technical irregularity)* yaye kuya kukhokelela ekubeni iziphumo zomviwa zingapapashwa/zirhoxiswe/zilibaziseke.

(i) Kucetyiswa abaviwa ngokumandla ukuba bangazisebenzisi iindidi ezahlukileyo zendlela yokubhala kwiincwadi zabo zeempendulo, njengoko isiphumo sophando olumalunga noku siya kuzilibazisa iziphumo zabaviwa.

(j) Indlela yokuziphatha komviwa phambi, ngethuba nasemva kokubhalwa kwephepha lemibuzo ibalulekile. Ayiyi kunyamezeleka indlela yokuziphatha ephazamisayo nengalawulekiyo yaye umviwa uya kuthintelwa angalubhali uviwo.

(k) Kwimeko apho umviwa abandakanyekayo kwisitenxo soviwo, umzali/umgcini womviwa nomviwa mababekho yaye bafumaneke, njengoko ukungaphumeleli ukwenjenjalo kuya kukhokelela ekubeni kulibaziseke ngokungaphezulu ukukhutshwa kweziphumo zomviwa.

(l) Kuphela ngabafundi abadlulele kwelinye ibakala abavumekileyo ukulandela inkqubo yethuba lokuhlalela uviwo lwexesha elingaphezu konyaka (*multiple examination opportunity (MEO) option).* Ukungaphumeleli ukuwuthobela lo mgaqo, kuya kukhokelela ekubeni abaviwa bangabinazo iziphumo.

5. Iindidi eziphambili zezitenxo ezinokwenzeka ngethuba lokubhalwa koviwo zidweliswe kwiphepha 4.

6. Apho umviwa efunyaniswe eyityeshele imigaqo okanye imimiselo nokuba yeyiphi na njengoko icacisiwe apha ngentla, iSebe leMfundo esiSiseko linelungelo lokuzenza iziphumo zomviwa zibe yinto elilize nengekhoyo yaye banokuthintelwa ekubhaleni zonke iimviwo ithuba **elingangonyaka omnye ukuya kwemithathu** (njengoko kucacisiwe kwi-*Regulations in Government Gazette No.* 31337 ye-29 Agasti 2008). Unokumangalelwa ngokwaphula umthetho umfundi othe wafunyaniswa ebandakanyeka ekupapashweni kwephepha lemibuzo phambi kokuba libhalwe (*leakage)* yalo naliphi na iphepha lemibuzo.

7. Kuya kuthathwa inyathelo loluleko ngakulo magosa achaphazelekayo kwizitenxo kumaziko okubhalela uviwo.

INGQINISEKISO YOKUNYANISEKA NGUMZALI/NGUMGADI WOMVIWA

Mna, _____ ongumzali/ongumgcini ka- _____

(Amagama apheleleyo oMzali/oMgcini) (Igama elipheleleyo loMfundi)

ndivakalisa ukuba ndiyifundile yaye ndiyiqondile imigaqo nemimiselo emalunga nokubhalwa kweeMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke neziphumo eziya kubakho ukuba kungenzeka ukuba umntwana wam/umntwana endimgcinayo ophule nayiphi na imigaqo kule migaqo.

_____ _____

(Isignitsha) (Umhla)

INGQINISEKISO YOKUNYANISEKA NGUMFUNDI

Mna, _____, _____

(Igama elipheleleyo loMfundi) (INombolo yoViwo)

ndivakalisa ukuba ndiyifundile yaye ndiyiqondile imigaqo nemimiselo emalunga nokubhalwa kweeMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke neziphumo eziya kubakho ukuba kungenzeka ukuba ndiyityeshele nayiphi na imigaqo kule migaqo.

_____ _____

(Isignitsha) (Umhla)

IGUNYAZISWE YINQUNUNU (*Ex Officio*)

Mna, _____yase- _____

(Igama lenqununu) (Igama leSikolo)

ndiyangqina ukuba le ngqinisekiso yokunyaniseka ingentla isayiniwe ndikhona ngalo mhla:

_____apha_____

(Umhla) (Igama leSikolo)

_____

(Isignitsha yeNqununu)

Isitampu sesikolo:

Le Mvumelwano iyiMbopheleleko imele ukugcinwa de kube semva kokubhalwa kweemviwo zokuxabangela. Ikopi mayinikwe umviwa, lo gama ikopi eyintsusa igcinwa esikolweni.

IINDIDI ZEZITENXO EZINOKWENZEKA

NO	UDIDI LWESITENXO
1	Ukufika emva kwexesha (abayi kuvunyelwa abaviwa ukuba babhale ukuba bafika emva kwexesha elingaphezu kweyure kwakuba kuqalisiwe ukubhala yaye abayi kunikwa xesha longezelelweyo abaviwa abafika emva kwexesha)
2	Ukuza nezinto/nemathiriyeli engagunyaziswanga kwigumbi lokubhalela uviwo (ii-*crib notes*, iiselula, ezinye iidivayisi zekhompyutha njl.njl.)
3	Ukukopa (komnye umntu/kwenye incwadi/imathiriyeli
4	Ukuvumela abanye abaviwa ukuba bakope kubo
5	Abantu ababhalela abanye abangekho mthethweni *(ghost writers*) (nawuphi na omnye umntu obhala egameni lomviwa (labaviwa)
6	Ukususwa kwamakhasi/kwamaphepha kwiincwadi zeempendulo okanye ukonakaliswa kweencwadi zeempendulo (wonke umsebenzi ongalungiswanga (*rough work)* mawenziwe kwincwadi yeempendulo ngepensile, ukrwele uhlatywe ngomgca obhalwe *"rough work")*
7	Ukubhala inombolo yoviwo engachanekanga kwincwadi yeempendulo
8	Ukwamkelwa iimpendulo kubagadi babaviwa okanye kulo naliphi na elinye igosa
9	Ukungaphumeleli ukungenisa incwadi yempendulo namaphepha eempendulo azihambelayo kumgadi wabaviwa ekupheleni kweseshoni yoviwo.
10	Ukunxila okanye ukuba phantsi kweempembelelo zeziyobisi ezingekho mthethweni nendlela yokuziphatha komviwa engafanelekanga
11	Naluphi na udidi lwesoyikiso
12	Ukufumana iphepha lemibuzo kwenye indawo/komnye umntu (*another source*) phambi komhla nexesha lokubhalwa koviwo elimiselweyo nokuhanjiswa kwephepha lemibuzo liyikopi eprintiweyo okanye eyekhompyutha (*electronically)* kusetyenziswa amajelo onxibelelwano (umzekelo u-*WhatsApp* njl.njl.)
13	Ukubhalwa koviwo ngaphandle kwindawo yokubhalela uviwo
14	Ukungaphumeleli ukutshekisha kumgadi wabaviwa ukuchaneka kwephepha (inani lamaphepha, inani lemibuzo, ithuba elithathwa liphepha, ukulungiswa kweempazamo – ukuba zikhona)
15	Nasiphi na isenzo sokuziphatha kakubi ngokumalunga nomviwa okanye nomnye umntu, nesiya kumvumela umfundi ukuba ancedeke ngendlela engafanelekanga ngethuba lokubhalwa koviwo
16	Ukungaphumeleli ukunika nayiphi na ingxelo ngalo naluphi na ulwazi okanye olokubakho kwephepha elipapashwe phambi kokuba libhalwe *(leaked paper)* okanye ukulifumana ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo iphepha elipapashwe phambi kokuba libhalwe.

ANNEXURE B

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTFICATE EXAMINATION PLEDGE

I …….. hereby solemnly pledge:

(a) To do my best in the forthcoming examination so that I can achieve the personal and academic goals I have set for myself.

(b) To focus on my studies and devote all my time to revise the work that I have covered during the course of the year and strengthen all the skills that I need to be successful in this examination.

(c) I will also be supportive of my peers as we prepare in earnest for this examination.

(d) I will not be deterred by personal or other circumstances as I strive to achieve my National Senior Certificate qualification.

(e) I pledge to uphold the principles of honesty and integrity in this examination by:

- (i) Complying with all the rules and regulations relevant to the National Senior Certificate examination.
- (ii) Following the lawfully recognized instructions of the invigilator during the writing of the examination.
- (iii) Not being influenced, in any way, to cheat in the examination by any person including the invigilator.
- (iv) Not participating in any wrongdoing which includes, but not limited to: copying, being in possession of unauthorised material or electronic devices (example cellphone), accepting or providing assistance to another candidate, writing on behalf of another candidate or any other unauthorised action.
- (v) Reporting any form of wrongdoing that I am aware of to the school principal.

(f) I solemnly make this promise and acknowledge that this pledge is binding on my conscience.

Name:	
Examination No.:	
Centre Name:	
Signature:	
Date:	

BYLAE B

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NASIONALE SENIOR SERTIFIKAAT-EKSAMENBELOFTE

Ek …….. onderneem plegtig:

(a) Om my bes te doen in die komende eksamen sodat ek die persoonlike en akademiese doelwitte kan bereik wat ek vir myself gestel het.

(b) Om te fokus op my studie en al die tyd tot my beskikking te gebruik vir hersiening van die werk wat deur die jaar behandel is om al die vaardighede wat ek nodig het om sukses in die eksamen te behaal, te verbeter.

(c) Ek sal ook my mede-skoliere ondersteun tydens ons voorbereiding vir die eksamen.

(d) Ek sal nie deur persoonlike of ander omstandighede van stryk gebring word in my strewe om my Nasionale Seniorsertifikaat-kwalifikasie te verwerf nie.

(e) Ek onderneem om die beginsels van eerlikheid en integriteit in hierdie eksamen te handhaaf deur:

  (i) Te voldoen aan al die reëls en regulasies wat op die Nasionale Seniorsertifikaat-eksamen van toepassing is.

  (ii) Die wettig erkende instruksies van toesighouers gedurende die skryf van die eksamens uit te voer.

  (iii) My nie deur enige person, die toesighouer ingesluit, te laat beïnvloed om op enige manier tydens die eksamen oneerlik te wees nie.

  (iv) Nie deel te neem aan enige oneerlike praktyke wat insluit, maar nie beperk is nie tot, afskryf, besit van ongeoorloofde materiaal of elektroniese toestelle (bv. selfoon), aanbied (of aanvaar) van hulp aan/van ander kandidate, skryf namens ander kandidaat of enige ander ongeoorloofde optrede.

  (v) Enige vorm van oneerlikheid waarvan ek bewus is aan die skoolhoof te rapporteer.

(f) Ek maak hierdie belofte plegtig, uit eie keuse en erken dat dit bindend op my gewete is.

Naam:	
Eksamennommer:	
Sentrumnaam:	
Handtekening:	
Datum:	